Isalathiso: 20201019-8898
Inombolo yefayili: 12/1/9
Imibuzo: R Larney

ISetyhula: 0034/2020
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KuBalawuli (kwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNqununu zezikolo eziziprayimari neziziiesekondari.

Isishwankathelo esifutshane: *Ukuhamba isikolo kwabafundi bamaBakala 4 ukuya ku-11 ngethuba nasemva kwethuba leemviwo neemvavanyo eziqhubekela esikolweni zangoNovemba 2020*

Isihloko: Ukuhamba isikolo kwabafundi bamaBakala 4 ukuya ku-11 ngethuba nasemva kwethuba leemviwo neemvavanyo eziqhubekela esikolweni zangoNovemba 2020

1. Ukuvalwa kwezikolo ngenxa kabhubhane i-Covid-19 kwenze kwayimfuneko ukufakelwa kwezilungiso kwimihla yoviwo lwangaphakathi lwamaBakala 4 ukuya ku-11 njengoko zazazisiwe izikolo kwiKhalenda yoKucwangcisela iZikolo ka-2020. (2020 *School Planning Calendar*) (ISetyhula 0037/2019, yomhla we-20 Septemba 2019).

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lizibophelele ekuqinisekiseni ukusetyenziswa ngokukhulu kwexesha lokufundisa nokufunda. Njengoko licuthekile ixesha elikhoyo kuwo onke amabakala, injongo yokufundisa ephambili ihleli ikukubonisa abafundi amathuba amaninzi okufunda kangangoko, kwinqanaba lebakala abakulo, ukuqinisekisa ukuba abafundi balilungele kakuhle ibakala elilandelayo.

3. ISetyhula 0018/2020, yomhla we-03 Agasti 2020, yazisa izikolo ngokunjalo ngokuphunyezwa kweziCwangciso zokuFundisa zaQho ngoNyaka ezihlaziyiweyo ezichaza iikhonsephthi ezizezona zisezantsi, ikhontenti yesifundo, nezakhono kwisifundo ngasinye nakwibakala ngalinye. Le setyhula ikwazise izikolo ngeprogram ehlaziyiweyo yovavanyo lweBakala R-11 ukwenzela u-2020.

4. Xa kusenziwa izicwangciso zeemviwo neemvavanyo eziqhubekela esikolweni zikaNovemba, mazithathelwe ingqalelo iimfuno ezimiselweyo zempilo nokhuseleko ze-Covid-19 emsebenzini eziquka:
   a) uqelelwano phakathi kwabantu oluyi-1mitha;
   b) ukunxitywa kwemaski;
   c) ukuhlolwa; kunye
   d) nokuhlanziswa kwezandla.

5. Kucelwa zonke izikolo nabasebenzi abasezi-ofisini zezithili ukuba bathathele ingqalelo oku kulandelayo:

5.1 Luxanduva lwesikolo ngasinye ukwenza isicwangciso seprogram yesikolo ngethuba leemviwo nasemva kwazo kude kube lusuku lokugqibela lwekota yesikolo. Kucetyiswa ukuba izikolo zizikhuphe **zonke** iiripoti zabafundi ngowe-**15 Disemba 2020**.

5.2 Izikolo ezifundisa amaBakala 10 no-11 azinakuziqala iimviwo ii-*controlled tests* zazo zokugqibela phambi kowe-**18 Novemba 2020 okanye zigqitywe phambi kowe-04 Disemba 2020**. Nakuba kunjalo, izikolo zingenza isicelo semvume yokuqala iimviwo zeprakthikhali zezifundo ezithile phambi kwexesha elibekelwe ukuqala kumlawuli wesithili.

5.3 Izikolo ezifundisa amaBakala 4 ukuya ku-9 azinakuziqala iimviwo eziqhubekela esikolweni phambi kowe-**26 Novemba 2020 okanye zigqitywe phambi kowe-04 Disemba 2020.**

5.4 Ngenxa yeeprothokholi ze-*Covid*-19 ezinye izikolo kuya kufuneka ukuba zenze isicwangciso seemviwo eziqhubekela esikolweni ezingaphezulu koviwo olunye kunye/okanye iseshoni yoviwo ngosuku. Ukulungiselela eli xesha lokuvala liphambi kwexesha okanye lisemva koko, makuthathelwe ingqalelo ukhuseleko nothutho lwabafundi. Ngoko ke, kubalulekile ukuba abazali baziswe kwangethuba ukuze babenako ukwenza amalungiselelo angamanye.

5.5 Kufuneka bonke abafundi bahambe isikolo ngalo lonke ithuba leemviwo eziqhubekela esikolweni, ngaphandle kwabafundi beBakala 12 abaya kuba nelungelo leentsuku ezintlanu bengezi esikolweni ngeenjongo zokuba bafunde phambi kokuba baqale iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke.

5.6 Bonke ootitshala balindeleke ukuba babesesikolweni usuku lonke lwesikolo (iiyure eziyi-35 ngeveki) ngethuba loviwo, kungakhathaliseki nokuba banawo okanye abanawo umsebenzi wokugada abaviwa.

5.7 Izikolo maziqinisekise ukuba abafundi baya esikolweni yaye bagcinwa ngezifundo emva kowe-04 Disemba 2020. Ngosuku lokugqibela lwekota yesikolo, abafundi mababesesikolweni iiyure ezintathu ubuncinane nootitshala balindeleke ukuba babesesikolweni iiyure ezintlanu ubuncinane.

6. Ziyakhunjuzwa iinqununu ukuba mazingenise iithayimtheyibhili zoviwo zazo kumphathi wesekethe kwiiveki ezintathu ubuncinane phambi kokuba kuqalwe iimviwo eziqhubekela esikolweni kunye/okanye iimvavanyo. Amagosa ezithili aya kubeka esweni ukuphunyezwa kwale miyalelo.

7. Kucelwa iinqununu namabhunga olawulo ukuba akuthathele ingqalelo eyodwa eukwenziwa kweeprogram zabo ngamathuba oviwo, ukwenzela ukuba kungaphulukwana nexesha elixabisekileyo lokufundisa nokufunda.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-10-23